

ANNUAL REPORT 2017



OMBUD'S OFFICE
UNIVERSITY OF CAPE TOWN

Independent | Impartial | Confidential

Iziqulatho

62	Umyalezo ovela kwiOmbud	84	Ukuphumela nangaphandle nokunye Okwenziwe yiOmbud
65	Intshayelelo	85	OkuqwalaSelweyo neZindululo
70	Ushwankathelo Lwamanani-nkcukacha	87	ElokuquKumbela
73	liNkalo Zokunikwa kweNgxelo Ezivuniweyo ze-International Ombudsman Association ngeMiba/ngeNkxalabo	88	Isihlomelelo A
82	Uhlalutyo lweeNkcukacha		

Umyalezo ovela kwiOmbud

Imeko kwinkalo yemfundo ephakamileyo iyaguquka; imiqondiso yoko ibonakala ndawo zonke. Amava ale minyaka mithathu idlulileyo abonakalisa ukuba kubantu abaninzi amaziko emfundo ephakamileyo kulo lonke eli lizwe, akazondawo zihlaleka kamnandi. Ngenxa yeminyaka emithathu elandelelanayo ebithwaxwa luhazamiseko olukhulu ebelubangwa luqhankqalazo , ekupheleni kuka-2017, i-UCT namanye amaziko emfundo ephakamileyo, okokuqala kwimbali yemfundo yamva-nje, aye akhupha abafundi abagqibe izidanga zeminyaka emithathu, bengazange bawugqibe unyaka wezifundo owakhe waya kuphela "ngokwesiqhelo". Ezi meko ke zaye zazala ilahleko ezibonakalayo, kodwa ke ngenx' enye kwaye kwabakho nezifundo ezazifundisayo.

Ndinethembra lokuba abafundi, ngakumbi abo basashiye kileyo eyunivesiti, bayalwamkela uxanduva lokuvakalisa izimvo neembono zabo ngendlela enengqiqo, enengqinisekiso nengenazoyikiso. Ngawkicala leeyunivesiti ke, ndiyathembra ukuba ngokumamela nangokuzibhenca, ngokuzisabela iiinkhalabo ezinesihlahla nangokukulungela ukwenza inguqu, zingakwazi ukuzisusa ezinye zeemeko ezingunobangela wokuvuka kweminyele kubafundi.

Uqhankqalazo lwayishiya i-UCT inezivubeko ngezivubeko. Esinye sezo zivubeko ibe kukunyuka kokrokrelwano, ugxeqwano nokujongana ngezikhondo zamehlo okusekeleke kubuhlanga. Zonke ke ezi meko zibanga utshabhiseko lweyona njongo kujoliswe kuyo ekukwamkelwa kolwahlukano kumasango eyunivesiti, zibe nesiphumo esikukwetha konyamezelwano lwezimvo ezahlukeneyo, nesiyiyantlukwano ethukuzayo nesikukunya ka kwamanani ezikhala zo eziziswa kwi Ombud.

Enye ke indlela yokukhawulelana neengxaki kukuzama "ukuzilungisa" nokwenza ibuyambo kwimeko "yesiqhelo". Le nto ke yenza ukuba imiba icukucezwe ibe yimicwana



engadibenanga, endaweni yokuba ibonwe njengomqondiso wothanda olukhoyo entlalweni ngokubanzi.

Amanye ke amacandelo eyunivesiti, ngokubona ukuba kunzima kubasebenzi ukuba bathathe isiqalo esitsha babheke phambili, aye aququzelela iindibano zokulungisa iingqondo nokuncokola. Abathathi-nxaxheba babesoloko bezifumana ezi ndibano ziziindawo ezinokhuseleko ezazisenza ukuba inyaniso ivakaliseke, kwaye, ngokokutsho komnye umthathi-nxaxheba, "zavula indlela eya ekuphileni kwenene, ngohlolo oluzala inguqu enkulu". Ndaye ndakonwabela ukuquzelela ezinye zezi ndibano.

Impumelelo yalo naliphi na iziko ixhomekeke isikakhulu, ekubeni likhawulelana kangakanani na neemfuno zawo onke amacandelo alo, ukuze bonke abantu abakwelo ziko bakwazi ukutsala ngaxhatha linye. Imperfumelwano ngomoya wobuhlali ingundoqo wemfezeko yocikizeko lomsebenzi, kananjalo nakoko kunokufundwa liziko elo nakupuhhliseko. Ingekha le mpefumelwano ngomoya wobuhlali, akukwazeki ukuba kungasekwa iziko elisebenza ngobambiswano kwiinzame zokufezekisa iinjongo ezibonwa ngasonye.

Xa ndisitsho ke, andithethi ukuba iyunivesiti kufuneka ukuba izamele ukuba mayibe nentlalo engagingxiziyo, aphi kukho uvumelwano kuzo zonke iinkalo. Andikaze ndahlangana nenzwana engenasiphako, nokuba yeyosapho okanye yeyezik. Ukungabikho kweziphako kungaba yingxaki nako, njengoko abantu benokuyeka ukufunda okanye ukuzamela uphuculeko lwentlalo yabo. Oko kungaba yingxaki emandla ngakumbi eyunivesiti, aphi imeko iyedalelwé ukuba ivuselele, ikhuthaze imibuzo neengxoxo-mpikiswano.

Ngokolwam ulovo, ukusuka kule meko inzima ukubheka phambili, iyunivesiti inokuthi isekeli koko sele kukhona ngendlela enokuthi ikwenze ngayo oko. UMichael Ray¹ usebenzisa umzekelo wesicengcelezo esingumdlalo wabantwana, abanokusikhumbula abaninzi, xa ecacisa izigaba zentlalo, esihamba ngolu hlolo:

1 Michael L. Ray "A metaphor for a worldwide paradigm shift"
Stanford University

"One for the money; Two for the show; Three to get ready; Four to go"

Xa ndinokusebenzisa lo mzekelo ndingathi iyunivesiti ikwisigaba 3, "esisesokulunga/ to get ready". URay usichaza esi sigaba njengesigaba sokwakhiwa kuentlalo apho "sibeka bucala lonke uhanahaniso nodwakesho, singene nzulu nangonyaniseko kwinkalo apho akhoyo undoqo wodlelano loluntu."

Ngokukubona kwam, ukuza kuthi ga ngoku, omnye wemiqobo ephambili ibilulwamkelo lweemeko eziphuthileyo njengezfanelekileyo, kuthenjelwe kwizinto ezibhaliweyo nakwiimbono zabathile ngokwemeko ekuyiyo. Umbono wona awuthethi, into ethethayo koko kwenziwayo yiyunivesiti. Intlalo eyiyo e-UCT ayizi kuba sisipho esinikwa abantu ngesisa yiyunivesiti, koko iya kuba sisipho ezinika sona iyunivesiti.

Njengoko kwaye kwatshio kwiingxelo ezidlulileyo, iNgxelo yoNyaka yimbalo ebalulekileyo yeofisi Yam. Indinika ithuba lokuba ndinike inkcazo ngomsebenzi wale ofisi, kananjalo ngaxesha nye ndifundise iyunivesiti ngobukho benkonzo yale ofisi. Ndiyathemba ukuba le ngxelo iyalenza igalelo ngezindululo zayo malunga nophuculo oluheli lusensiwa kubulali bezigqibo ezithathwayo nakwinkcubeko yoqhagamshelwano phakathi kwabantu bale yunivesiti. Elokugqibela ke, ndiyathemba ukuba ukufunda olu xwebhu kuba lulutho, futhi kuyazichukumisa iingcinga.

Ingeniswa ngembekokazi,



Zetu Makamandela-Mguqulwa

Intshayelelo

Iofisi yeOmbud kwiYunivesiti yaseKapa yiofisi encinane, enogunyaziso olukhulu. Nakubeni kusoloko kuyimfuneko ukuba ichazwe inxaxheba yayo, futhi icaciswe nemfuneko yayo ngamanye amaxesha, sekulithuba yacaciswa ngempumelelo imfuneko yeli linge kumaziko. UNjing. Stephen Owen, usolwazi welaseCanada nowayesakuba yiombud, waye wavakalisa ukuba ingcinga yeombud "sele ibethelelekile njengesixhobo soxanduva lokuphendula phakathi kwabantu kunye neziko elo iseberza kulo." Iofisi yeOmbud ngumth' uzimele, futhi onokuba kuphela kweofisi apha uxanduva lokunika ingxelo luzihambela ngomzila othe geqe kwimizila yezinye izigqeba zeyunivesiti.

Eyona njongo iphambili yeofisi yeOmbud kukuncedisa ekufunyanelweni komntu ubulali nolwaneliseko xa esengxingweni yentswela-bulali yeenkubo zolawulo, nokuqinisekisa ukuba iziphathamandla zeyunivesiti nabo bonke abasebenzi bayalufezelekisa uxanduva lwabo. Owona mongo walo msebenzi lufikeleleko, nendlebe engenaxanasi ekumameleni nasekukhawulelaneni nezikhalazo ezivela kubantu ngabantu beyunivesiti. Kule nxaxheba ke, ndikholisa ukungelela ngenjongo yokufumana ingcaciso eyanelisayo ngamanyathelo athathiweyo, okanye isisombululo esikhawulezileyo, novandlakanyo. Kule yokugqibela imeko ke, ndisenokuthi ndenze isindululo malunga namanyathelo anokuthathwa okuthintela ukwenzeka kwakhona kwengxaki leyo.

Umsebenzi wam ufezekiswa phantsi kweenqobo zobuhlebo, ukuzimela nokusebenza ngaphandle kwiziqqeba ezesiekweni. Xa ndiqhuba uphando olungabopheltekanga kwinkubo ezesiekweni lokufumana iinkcukacha ngomba othile, ndiye ndibuze imbuzo emininzi ngelixa amacula omabini ndiwanika imbeko yawo. Le mbalelwano yeimeyili ingezantsi apha ivela kumsebenzisi wale nkondo ibonakalisa ulwamkeleko nokuthandwa kwale nxaxheba:

"Enkosi ngokusindisa ingqondo yam ephithizelayo kulo nyaka, nangokundimamela. Akukho namnye (ongomnye) owakhe wathi kum ", yintoni oyifunayo?" xa bendisemsindweni, aze andimamele ngenyameko. Aphinde ke, ngendlela engummangaliso, enze yonke into imke".

Nangona iiombud zingayijongi imicimbi ngokungathi iyashiyana ngokubaluleka, imicimbi ekuziwa nayo kum iyashiyana, kubekho ezizikhala zo ezimandla kakhulu, kubekho ke nezo ndingathi zezomhla nezolo. Zisukela kwimicimbi eyenzeka ngaphakathi eziklasini, ukuchwethelwa bucala, inkxaso-mali, ubuqhetseba, ukubanjwa, ukuphathwa, ikholwane elivuyeleyelo namatikiti ezohlwayo zokumiswa kwezithuthi. Ubuninzi beeombud buyayivuyela imiba efana namatikiti ezohlwayo zokumiswa kwezithuthi ngokungekho mthethweni, njengoko akhe azise umahluko oluphumzo kwiimini zethu eofisini.

Owona msebenzi weOmbud ungundoqo kukuseka ubudlelane obaneleyo namaqela ngamaqela abachaphazelekayo, ukuze ubonwe unobulali, futhi usebenza ngendlela enobulali, nokubonwa usebenza ngendlela enofikeleko nekholisayo. Ukuze ke kufezekiseke oku, kabaluleke kakhulu ukuba ekusebenzeni kugcinwe umgama ofanelekileyo phakathi kwakho nabo usebenza nabo. Kungeso sizathu ke le nto ugynyaziso lweeombud lungajika-jiki, khona ukuze abo benza lo msebenzi bangaziva bethe zava kakhulu, bangaxhathisi ngobudlelane ababusekileyo, baze baphethe "sebebamblebe ngobhongwana", okanye sebebonalaka njengabo "babamblebe ngobhongwane".

Mna njengeOmbud yase-UCT, ndikwindawo entle yokuba "nendlebe" kwiinkalo zonke zeziko eli, nangaphaya kwemida. lindwendwe zindixeleta ukuba, ekuzeni kuthetha nam ngemiba ezidlayo, zitsalwa kakhu lu ngumgangatho wobuhlebo nowokuzimela. Njengeofisi engenasigqeba yayamene naso, inxaxheba yam ibandakanya ukugcina iyunivesiti iphantsi koxanduva lokuphendula, futhi iziqonda ngokupheleleyo iinqobo zayo ezilixabiso kuyo. Le nxaxheba ifuna ukuzimela kangangoko, nokukwazi ukulungelana neemeko zonke, nobuchule bokuyila obuninzi, ubukhalipha kunye nobulumko.

Isikakhulu undwendwe olundizisele isikhala zo lukholisa ukuba ngumntu onobudlelane obungenalingano nalowo lumkhalazelayo. Kwezi ndidi zeengxelo zingezantsi apha, ubuninzi bobudlelane bungachazwa njengababo "banobudlelane bonxulumano" (Evaluative relationships). Inxaxheba yam ke njengeOmbud kukuba ndibe ngumlungelelanisi kubudlelane ngamagunya, ndisebenzisa iinqobo zeyunivesiti ezilixabiso, nobulungisa bendalo. Kuyafuneka ke kambe, ukuba mandikhokelwe nazizimiselo ezbekiweyo kugunyaziso lwale Ofisi, oko kukuthi, ukuzimela, ubuhlebo, ukusebenza ngaphandle kwiinkqubo zezigqeba ezisesikweni nokungathathi cala. [Ugynyaziso olupheleleyo lungajongwa kwiSihlomelelo A]

Ukusebenza ngaphandle kwizigqeba ezisesikweni

Le ofisi ibambe nkqi kulo mgangatho wenqubo, ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iindwendwe ziziva zikhuselekile ukuba zingathetha, zisazi ukuba iinkcukacha zazo ziya kuhlala ziziindaba zakwamkhozi, futhi azinakuchaswa kwiinkqubo ezisesikweni. Ngamanye amaxesha abasebenzi abakwizikhundla zolawulo baye bangaxoli xa besiva ukuba akukho zinkcukacha ziya kudizwa kule ofisi, iinkcukacha ezo ezizezemiba abafuna ukuyiqonda, khona ukuze zifakwe kumarekhodi, zize ke zibenze babenakho ukukhawulelana nengxaki leyo, nasemva komcimbi lowo bezivele kuwo. Ndiyathemba ke ukuba ngeenzame zam zokuya kufikelela ebantwini, amaqela ngamaqela abachaphazelekayo aya kuziqonda izizathu zokuba ndingabinakho ukuzikhupha iinkcukacha ngemicimbi eqwalaselwa yile ofisi.

Indlela abathi bakwazi ngayo abantu ukuza kufika kule ofisi

Emva kwayo yonke le minyaka, naphezu kwazo zonke ezi nzame zokuya kufikelela ebantwini, kusekho abafundi nabasebenzi abangenalwazi ngeofisi yeOmbud, de kube lelo xesha bazifumana besengxakini ethile. Ayimangalisi noko ke loo nto ngakwicala labafundi nabasebenzi abafikayo, kodwa ikwanjalo nakwabanye asebe neminyaka bese-UCT. Kwiimeko

ezinje ke, umhlobo okanye amakholwane bangathi bacebise ngale ofisi njengesixhobo esiluncedo.

Asizozikhala zo zonke eziye zisonjululwe ngendlela emanelisayo lowo ubefake isikhala, kodwa ke, nokuba sithini na isiphumo, le ofisi izama ukuqinisekisa ukuba abantu abeza kuyo baye bafumanise ukuba bayamanyelwa, futhi baye baqonde nokuba izikhala zabo noko ziye zafumana uqwalaselozimeleyo. Loo ndlebe imamelayo ibaluleke ngakumbi kwiimeko zamaxesha anzima. Kananjalo ndizamelukuba ndiqinisekise ukuba amacandelo namasebe ezifundo ayabuthemba ubulali nokuzimela komsebenzi wale ofisi. Xa ubudlelane phakathi kwezi yunithi neombud busebenza kakuhle, isiphumo asanelisi kuperhela nje lowo ungumfakisikhala, koko sanelisa nalowo ebekhalazelwa, onokuthi ke asebenzise izindululo zam nengxelo yam ekuphuculeni inkonzo abayinikayo.

Ukulungisa iimeko nguyena ndoqo womsebenzi wale ofisi yam. Okokuqala, oku kumalunga nabantu abathe bakhala zageenkonzo zeyunivesiti le, baza abafumana luqwalaselolubakholsayo. Ndiye ndizijonge izikhala, kuze kuthi ke ukuba ndifumanisa ukuba ngenene ukhona undonakele, ndijolise ekubabuyiseleni kuloo meko ngebekuyo ukuba ubengakhang abekho loo ndonakele. Ukuba ngaba ndifumanisa ukuba akukho kusilela kuye kwabakho

"Zetu othandekayo

Aba bafundi balandelayo baza kubuyiselwa iintlawulo zabo zika-2016 XXXX. IOfisi yeCandelo yethu iwuqwalasela ngongxamiseko kangangoko lo mcimbi, futhi aba bafundi iza kubathumela izaziso ezineenkukacha ezipheleleyo. Ndiqhagamshelene naba bafundi balandelayo, ndibazisa ngesi sigqibo:

A, B and C

Ndiyacinga babini abafundi abaye beza kubhenela kuwe, kodwa ke bobathathu banombulelo kuwe ngokuthi usazise ngalo mba. Ndiyabulela ke ngokuthi oko ukwenze ngendlela yobukholwane nejolise kwisisombululo. Ekuqaleni phaya bekungabonakali ngathi sikhona isihlahla kwesi sibongozo saba bafundi, kodwa ke uphando olithe lwenziwa neengxoxo ekuye kwangenwa kuzo emva koko, ziye zabonisa ukuba ngenene sikhona isihlahla".

Ngemibuliso,
XXX

ngakwicala leyunivesiti, ndiye ndizame ukumnika inkcazelo ebhetele umfaki-sikhala zo lowo ngezi zehlo ziye zakhokelela ekubeni abe nokunganeliseki. limeko ezilolu hlobo ziyeminye imizekelo eye indicacisele kakuhle nje ukuba isikakhulu amazinga okuthembana asezantsi, futhi nobulali besiphumo kwimeko ethile asinto buqinisekileyo ubukho bayo, njengoko kufanele ukuba njalo kakade.

Xa ndiqwalasela izikhala zo ezikuvelisayo ukusilela, ndiye ndizame nokufumanisa ukuba ngaba kutheni izinto zingahambi ngendlela nje. Ukuba ngaba lusilelo nje olungelulo olomhla nezolo, kusenokungabikho nto iyene inokwenziwa, ngaphandle nje kokuphakamisa indlela yokukhawulelana nomfaki-sikhala zo lowo. Kambe ke, kumaxesha amaninzi kuye kufumaniseke ukuba oko bekuye kwenzeka kumntu othile kungenzeka lula nakwabanye.

Kwezinye iimeko, kusenokuthi kanti akho amadllala akhoyo kwimisebenzi neenkubo afuna ukususwa, apha ke ndiya kuthi ndibambisan e neso sigqeba sichaphazelekayo ekuqinisekiseni ukuba ziyanziwa ezo nguqu zifanele kwenziwa. Okokugqibela, kwezinye iimeko kuya kuthi kucace ukuba kuye kubekho intswela-bulungisa engeyoyangabom, ngenxa yomthetho othile okanye yokungabikho kwawo, apha ke ndiye ndiyazise iNtloko yeCandelo, uMlawuli oPhetheyo, (Executive Director) okanye uMbhalisi (Registrar) njl, ngokwalowo uchaphazelekayo.

Le micimbi ichazwe ngezantsi apha ikwagxinisa neny inkalo yomsebenzi wethu, inkalo leyo ekukuzama ukufumana izisombululo kwimicimbi, endaweni yokuba kusungulwe uphando olusesikweni. Iyunivesiti yona yenza uphando ngokusesikweni; olwam ugunyaziso kukuba ndiqhube uphando olungayamisekanga kwiinkqubo ezesesikweni, ukuze ndikwazi ukuba nomqondo osekeleke kulwazi ngeso sikhalazo sithe sazisa eofisini Yam. Kukho amakesha apha imibuzo Yam iye ingaginyeki kamandi, inyuse neminyele yokuzikhulselo, ede ibandakanye nokucetyiswa kwabanye ukuba bangezi xa ndibabizela ukuza kuphendula. Le nto ke ndiyikhaba ngawo omene, njengoko iofisi Yam inenxaxheba ecacileyo efanele kuyithatha, futhi ingenakuthityaziswa zizimvo zabo bajonge nje iziqu zabo kuphela, naziimbono ezigwenxa ngeenjongo zeofisi Yam. Oku kuphandela ngasemva kusenokuba nobungozi kwiofisi Yam, kubange nolibaziseko ekulungisweni kweemeko. Akukho ke kugunyaziso lwam okuthi mandiphululane nabo bacinga ngeziyu zabo okanye mandibacingele abo bakrwada, sekwaggitywa kudala ngabanye abantu ukuba mababanyamezele. Asinto ilungileyo ukuba umntu abeke amakhawlane akhe phantsi kwezimo ezilolu hlobo, futhi ingekho nemfuneko yokuba amakhawlane makanyamezelane nabavuyeleti, baze babephantsi kongcungcuthekko emisebenzini yabo, babuye bagxeke iyunivesiti ngokungabakhuseli.

Kukho iqhalo lesiXhosa elithi, "usana olungakhaliyo lufela embelekweni".(Lit. A baby who does not cry, dies on its mother's back). Masithi ke abantu bayakhawuleza ukukhala, ngaba iinkokeli zeyunivesiti ziyakhawuleza ukumamel a nokungelela – nokuba zezamacandelo okanye ezamasebe ezifundo okanye kwelinje nje inqanaba? Ngaba iinkokeli zeyunivesiti


ziyafumaneka, zinike abaphathi bazo inkxaso ekulungiseni iimeko, ngezixhobo ezifana nemigaqo-nkqubo neenkqubo? Ngelishwa ke, andisoloko ndiqiniseka ngenkxaso yeyunivesiti kule meko. Umzekelo, sele kuyiminyaka emine ephelileyo ukusukela oko ndathi ndenza isindululo sokuba iyunivesiti mayiqulunqe umgaqo-nkqubo malunga novuyelelo. Kambe ke ukuza kuthi ga ngoku, lo mba usekwisigaba sothethwano namacandelo. Kungekho luxwebhu lugunyazisa ngokusesikweni olufana nomgaqo-nkqubo, abavuyeleti bayadabalala, bawanyuse amanani amaxhoba abo, ngelixa bengcungcutheka abanye, bakhuphele imisindo yabo kwabanye abantu, into leyo ezala unquzulwano olungancothulekiyo.

Mandongeze ke nendawo yokuba iofisi yam ifumana intsebenziswano enkulu kakhulu kubuninzi babasebenzi bale yunivesiti nakwiinkokeli zayo, nokuba abo basebenza neofisi yam bayinike inkaso bayalazi ixabiso layo. Akukho nkunzi ingaggumiyo kobayo ubuhlanti, kodwa ke uthi uze uvakale kamnandi loo mgqumo wayo buponakale nobo buhlanti igguma kubo. Ngeso sizathu ke, ngezantsi apha ndandlala amanani-nkcukacha azoba umthamo womsebenzi owenziweyo ngo-2017.

Ushwankathelo Lwamanani-nkukacha


Kwingxelo yango-2016, ndaye ndachaza izizathu ezithathu zokuba kwenziwe iNgxelo yoNyaka. Esesibini sasisithi (ingxelo) ibonelela ngovandlakanyo olusemthethweni lokuqhubeka eyunesitesi, kananjalo inika iinkukacha ezenza ukuba abaphathi nabala wuli babe nokunkwa uxanduva lokuphendula ngezinto ezithe zenziwa okanye azenziwa apha ekuhambeni konyaka lowo.

Nangona ikukuzithembisa ngelize ukuthemba ukuba zingasombululeka zonke iingxaki ezithi zibekho kumasango eyunesitesi, kuyakwazeka kona ukuzimisela ekuyiveliseni imiba nokuzama ukuzibeka esweni nokuzinika ingqwalasel a iimeko zongquzulwano xa zithe zavela. Enye yeendlela ekwenza ngazo oku iofisi yam kukusolo iwulandela umkhondo ezhamba ngawo izinto nowokumila kwemiba eziswa kwiofisi yeOmbud. Ngo-2017, lilonke inani leendwendwe liye kufika kuma-700, xa kuthelekiswa nama-583 ango-2016.




IGRAFU 1: Ulwahlulo lweendwendwe ngokwesini

Njengakwiminyaka engaphambili, ulwahlulo ngokwesini, yi-50% kumadoda, ngokunjalo nakumabhinqa, kuze kubekho undwendwe olunye olwathi lona alwazahlula ngokolu lwahlulo lwesini lunkalo-imbini.



IGRAFU 2: lindwendwe ngokwamaqela ezivela kuwo, 2012 ukuya ku-2017

IGrafu 2 ibonakalisa ukuba ulwahlulo lwendwendwe ngokwawo onke amaqela ezivela kuwo luyafana noluka-2016, lwahluke nje phaya naphaya. Ngakwicala lokufana, iqela iPASS lelona lelona liye laba nawona manani eendwendwe aphezulu kule minyaka yomibini, ngelixa abafundi bezidanga zobugairhalwazi nabezasemva kwezobugairhalwazi babe nawona manani aphantsi (manani lawo adityaniswe ku "Bafundi bezidanga ezilandela ezokuqala"). Kule minyaka yomibini abasebenzi bePASS, abafundi bezidanga zokuqala kunye nabahlohloli (abafundisayo noninzi lwabenza uphando, xa bedibene, baye benza izahlulo zesithathu ezibini zamanani eendwendwe zizonke).



IGRAFU 3: Amaqela eendwendwe ngokobuhlanga, ku-2017

Ngokuphathelele kumahluko phakathi kwale minyaka mibini, kukho ukunyuka kwamanani okungayelelananga kubafundi bezidanga zokuqala nabasebenzi "abatsha" bePASS (abathathwe apha ngaphakathi) ngo-2017, kodwa kubekho ukuhla kwamanani okungayelelananga kwiqela labathathwe ngaphandle. Uninzi lwendwendwe kweli qela likhankanywe mva ngabazali babafundi.

IGrafu 3 ubonakaliso ulwahlulo ngokobuhlanga kwiqela ngalinye leendwendwe eziphambili ngo-2017. (Abafundi bezifundo ezilandela ezobugqirhalwazi babotshwe ngebhanti enye nabezidanga ezilandela ezokuqala, njengoko amanani abo esezantsi kakhulu ukuba angahlulwa ngokwahlukeneyo kolu hlalutyo.) Le grafu ibonisa ulwahlulo ngokobuhlanga kumaqela ngamaqela. Kubasebenzi bePASS entsha, ngaphaya kwezahlulo zesine ezithathu zeendwendwe ibingabaNtsundu, njengokuba bekuphantse ukuba njalo nakwizahlulo

zesithathu zeendwendwe ezingabafundi bezidanga zokuqala nakwi-40% yabafundi bezidanga ezilandela ezokuqala. Kanti ke ngenx' enye, iindwendwe zabaNtsundu zibe malunga nesahlulo sesihlanu kubasebenzi bePASS nakubahlohl. lindwendwe ezingabeBala zixhaphake kakhulu kubasebenzi bePASS. lindwendwe ezingabaMhlophe zixhaphake kakhulu kubahlohl nabasebenzi bePASS, zilandelwe ziindwendwe ezivela ngaphandle. lindwendwe ezingamaNdiya ziye zangaphaya kwe-10% kumaqela abavela ngaphandle nakubahlohl. Ubuninzi kolu hlobo lokuhamba kwezinto isikakhulu bubonakalisa usasazeko ngokwamaqela ahlukeneyo ezivele kuwo iindwendwe.

liNkalo Zokunikwa kweNgxelo Ezivunyiweyo ze-International Ombudsman Association ngeMiba/ngeNkxalabo

liNkalo neeNkalwana (ezilungiselelwe i-UCT)

1. IMbuyekezo, iiNtlawulo, aMawonga neMibulelo: Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo malunga nobulali, ufaneleko nolwamkeleko lwembuyekezo yabasebenzi, iintlawulo nezinye iinkqubo zeentlawulo.	
a. Imbuyekezo – Izinga lomvuzo, isixa somvuzo, ulwahlulo lwemivuzo yomsebenzi/inqanaba, okunye.	78
b. Intlawulo – Ulawulo lwentlawulo, uqhagamshelwano olunxulumene nentlawulo..	11
c. Amalungelo – Izigqibo ezimalunga nonyango, amazinyo, ubomi, ikhefu/ikhefu lokugula/lwezosapho/lokufunda, ikhefu lokuphucula izifundo, imfundu, iiyure zomsebenzi, inqanaba lewonga longaphandle, njil	87
d. Umhlalaphantsi, ipenshoni – Ukfaneleka, ukubalwa kwesixa, amalungelo omhlalaphantsi, imiqathango yokuhlawulwa..	4
e. Amalungelo anxulumene nokwenziwa komsebenzi	71
f. Inshorensi – Impilo, IOD, nokunye.	3

g. Imfundo yabaselula, Ulondolozo lwabantwana	0
h. Amawonga, Ukuvunywa	7
2. Ubudlelane babanonxulumano – Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo phakathi kwabantu abanobudlelane (oko kukuthi, umphathi -umsebenzi, umhlohlhi-umfundi, ikholtwane-ikholtwane, umfundi-umfundi).	
a. Eziphamibili ngokubaluleka, linqobo, linkolelo – liyantlukwano malunga noko kufanele kubonwa njengokubalulekileyo – okanye kubaluleke kakhulu – okusoloko kusekeleke kwiinkolelo ngentsulungeko	256
b. Imbeko, Impatho – Ukubonakalisa ukuziphatha okungafanelekanga, ukungabakhathaleli abanye abantu, ubukrwada, ukungaqhuhqheki, njl.	255
c. Imbeko, Impatho – Ukubonakalisa ukuziphatha okungafanelekanga, ukungabakhathaleli abanye abantu, ubukrwada, ukungaqhuhqheki, njl.	259
d. Intembeko, Ubulumko – Urukrorela ukuba abanye abantu abanyanisekanga, nokuba kungokwezinga lokunyaniseka anqwenela ukuba babekulo umntu, njl	219
e. Uqhagamshelwano – Umgangatho okanye kunye nobungakanani boqhagamshelwano.	259
f. Uvuyelelo, Ubugwili – Ungcungcuthekiso, izoyikiso okanye kunye nonyanzeliso.	104
g. Okuphathelel kulwahlukano – Izimvo okanye ukuziphatha okubonwa ikokokungabacingeli abanye abantu, ezigwenxa okanye ezokunganyamezel ngenxa yolwahlukano ngobubani, ezifana nolwahlukano ngobuhlanga, ngesini, ngobuzwe, ngokwesini esikhethwayo, ngokhubazeko, ngenkolo, PASS vs abahlohlhi, inqanaba, icandelo kwezemfundo	244
h. Impindezelo – Ilenzo zempindezelo esuka kwizinto eziidlulileyo ezenziwayo okanye ezathethwayo, ekudizweni.	62
i. Ubudlova – Obenzekayo okanye izoyikiso zokwenzakalisa.	51
j. Imisebenzi, lishedyuli – Ukuwanekala okanye ukuba nobulali kwemisebenzi, umthamo womsebenzi olindelwego.	227
k. Ingxelo – Ingxelo okanye ulwamkeleko olubonakaliswayo, okanye iimpendulo ngengxelo enikiweyo.	239
l. Uvandlakanyo lokwenziwa komsebenzi/Uhlelo ngenqanaba – Ukwensiwa komsebenzi kuvandlakanyo olusesikweni okanye olungabophelelekanga kwimigaqo-nkqubo.	122
m. Uhlelo ngokwamanqanaba – Ukwensiwa komsebenzi wokuhloha kuvandlakanyo olusesikweni okanye olungabophelelekanga kwimigaqo-nkqubo.	78
n. Imeko yesewe – Izimo, izithethe okanye iingqondo ezbokaliswayo kwisebe elo liluxanduva lwabaphathi okanye lwabahlohlhi.	205

o. Imfezeko yokuphatha – Ulawulo lwesebe okanye lwegumbi lokufundela, ukusilela ekuqwalaselweni kwemiba.	162
p. Ukungathobeli – Ukwala ukwenza oko kuyalelwego.	112
q. Imfezeko yokuziphatha – Ukufaneleka, ukugcina ixesha, iimfuneko, ezinye iindlela zokwenziwa kwezinto, okanye okunokukhethwaor options for responding.	122
3. Ubudlelane boontangandini nobamakholwane – Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo phakathi kwabantu abanobudlelane (umzkl umanejala-umsebenzi, umphathi-umfundsi, icandelo lezifundo-umfundsi, icandelo lezifundo-PASS, icandelo lezifundo/PASS-konikwe abangaphandle, ikholwane-ikholwane, umfundsi-umfundsi).	
a. Eziphambili ngokubaluleka, linqobo, linkolelo – liyantlukwano malunga noko kufanele kubonwa njengokubalulekileyo – okanye kubaluleke kakhulu – okusoloko kusekelek kwiinkolelo ngentsulungeko.	100
b. Imbeko, Impatho – Ukubonakalisa ukuziphatha okungafanelekanga, ukungabakhathaleli abanye abantu, ubukrwada, ukungaqhuheki, njl.	100
c. Intembeko, Ubulumko – Ukkrokrela ukuba abanye abantu abanyanisekanga, nokuba kungokwezinga lokunyaniseka anqwenela ukuba babekulo umntu, njl.	101
d. Igama – Ifuthe elinokudalwa ngamarhe okanye nentlebendwane ngemiba yomsebenzi okanye ngomntu.	98
e. Uqhagamshelwano – Umgangatho okanye kune nobungakanani boqhagamshelwano.	101
f. Uvuyelelo, Ubugwili – Ungungcuthekiso, izoyikiso okanye kune nonyanzeliso.	89
g. Okuphathelele kulwahlukano – Izimvo okanye ukuziphatha okubonwa ikokokungabacingeli abanye abantu ezigwenxa okanye zokunganyamezeli ngenxa yolwahlukano ngobubani, ezifana nolwahlukano ngobuhlanga, ngesini, ngobuzwe, ngokwesini esikhethwayo, ngokhubazeko, ngenkolo, PASS vs abahlolli, inqanaba, icandelo kwezemfundo, njl.	104
h. Impindezelo – Izenzo zempindezelo esuka kwizinto ezidlulileyo ezenziwayo okanye ezathethwayo, ekudizweni.	25
i. Ubudlova – Obenzekayo okanye izoyikiso zokwenzakalisa.	22
j. Imeko yesewe – Izimo, izithethe okanye iingqondo ezibokaliswayo kwisebe elo liluxanduva lwabaphathi okanye lwabahlolli.	96

4. Ukuqhuba nophuhliso lwemisebenzi efundelweyo – Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo malunga neenqubo zolawulo nezigqibo ngokuqala kunye nokuyeka emsebenzini nokuba ubandakanya ntoni na umsebenzi lowo (oko kukuthi ugayo lwabasebenzi, uhlobo nendawo yomsebenzi, ukhuseleko lomsebenzi nokuyeka).

a.	linkqubo zezicelo zomsebenzi, ezokukhetha nezokugaya abasebenzi – linkqubo zokugaya nokukhetha abasebenzi, uququzelelo lwezelco zomsebenzi, iingxelo ngezicelo zomsebenzi, ukuchonga abokubizelwa udliwano-ndlebo nemiqathango yokukhetha, ubulali basemsebenzini, izigqibo ezinembambano ezinxulumene nogayo nokukhethwa kwabasebenzi.	81
b.	Uhlelo nenkcazo yemisebenzi – linguqu nokungevani malunga neemfuno zomsebenzi, imisebenzi efanelekileyo.	89
c.	Ukusiwa komnye umsebenzi ungazifunelanga, Ukutshintshwa komsebenzi – Isaziso, ukukhethwa, amalungelo/iintlawulo zokususwa okukodwa, ukususwa kumsebenzi wangaphambili, ukutshintshwa kwemisebenzi okungacelwanga.	84
d.	Ukhuseleko Iwesikhundla-lwelungelo lokuhlala, Ukungacaci – Ukhuseleko Iwesikhundla okanye lwekhontrakthi, ubonelelo ngemiqathango yeekhontrakthi enokhuseleko, ukuqhuba komsebenzi, oko kukuthi, ukunyuselwa, ukuqeshwa kwakhona, okanye ukuhlala.	32
e.	Ukuqhuba komsebenzi – Unyuselo oluceliwego (ad hominem) , ukunyuselwa, ulandeletwano, ukuqeshwa kwakhona, okanye ukuhlala.	18
f.	Ukbolekisana nobungakanani bexesha lomsebenzi – Ukungaggitywa okanye ukwadiselwa ixesa kakulu kwemisebenzi kwiimeko ezithile/ kumazwe athile, unqongophalo lokusiwa kweminye imisebenzi okanye ukusiwa ungazifunelanga, isicelo sokusiwa kwenye indawo/kweminye imisebenzi/kwenye inxaxheba	79
g.	Ukuziyekela emsebenzini – Inkxalabo malunga nokuziyekela neendlela zokuziyekela emsebenzini okanye malunga nokuba isigqibo esinjalo singavakaliswa njani na ngokufanelekileyo.	25
h.	Ukuyekiswa/Ukungaqeshwa kwakhona – Ukuphela kwekhontrakthi, ukungavuselewa kwekhontrakthi, ukuyekiswa okusisigxina kwiziko okunembambano.	13
i.	Ukuqeshwa kwakhona kwabasebenzi abayekayo okanye kwabathatha umhlalaphantsi – Ukulahlekelwa ngamalungelo anelisayo okuhamba nokuqeshwa kwakhona kwabathatha umhlalaphantsi, ukukhetha iintandane	7
j.	Ukutshitshiswa kjesithuba – Ukutshitshiswa kjesithuba somntu othile.	69
k.	Uphuhliso lomsebenzi/Ukuqequesha/Uthantamiso – Imisebenzi ngemisebenzi yaseklasini, yasemsebenzini njengamatuba oqeqesho nophuhliso.	16
l.	Umsebenzi wabucala	2

m.	Ukusiwa komnye umsebenzi/ukungafuneki (kwesithuba somsebenzi)	4
n.	Ingqesho yabafundi	7
5.	Ezomthetho, Ezemigaqo, Ezemali noThotyelo: Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo enokuthi ibeke iziko eli nabantu balo kumngcipheko ngokwasemthethweni (kwezemali, isohlwayo, njl) ukuba ayithanga yaqwälaselwa, kubandakanya nemiba enxulumene nenkcitho, ubuqhetseba nongcungcuthekiso.	
a.	Izenzo zolwaphulo-mthetho – Izoyikiso okanye izenzo zolwaphulo-mthetho ezicetywayo, eziqatshelwayo okanye ezihlela abantu, ubuqhetseba, ukunyiba iimbalo zabanye abantu	93
b.	Izinto zoshishino nezemali ezenzekayo – Izenzo ezingafanelekanga zokusetyenziswa kakubi okanye zokudlakazelisa kweemali zezik, izibonelelo, izinto zokusebenza nezilungiselelo zalo.	108
c.	Ubandezelo – Ukuziphatha okungamkelekanga ngezenzo, ngokuthetha, ngokubhala, ngeimeyili, ngezinto ezikwizishicileli-mazwi, ngeevidiyo, ngokwasemoyeni okanye ngokwesini, okunokuthi kudale imeko yokujongana ngezikhondo zamehlo nebanga uloyiko.	116
d.	Ucalu-calulo – Ukuphathwa ngendlela engafaniyo neyokuphathwa kwabanye okanye ukuchwethelwa bucala kwamanye amalungelo, umzekelo, isini, ubuhlanga, ubudala, ilizwe ovela kulo, inkolo, njl. (okuyinxenyeyo Mthetho iEmployment Equity Act – EEA – sebenza eMzantsi Afrika).	177
e.	Ukhbazeko, olwexeshana nolusisigxina, indawo yokuhlala efanelekileyo – Ukonjzelwa ixesa ezimviweni, ukubonelelw ngetheknoloji encedisayo, iitoliki, okanye izincedisi zeBraille ezibandakanya nemibuzo ngemigaqo-nqubo, njl. Uvndlakanyo ngokutsha lwenxaxheba.	39
f.	Ufikeleleko, Ufikelelo – UKususwa kwezithinteli, ezetheknoloji nezasemoyeni, ukubonelela ngamathambekana aziindledlana ezithatha indawo yezitephu, izinyusi, ufikelelo kwiinkcukacha, njl.	106
g.	Amalungelo oyilo – Umzkl. Ilungelo lembalo nelungelo lento eyaqalwa ngothile ukwensiwa.	14
h.	Ukungadizwa nokukhuselwa kweenkcukacha – Ukuhupha okanye ukufikelela kwiinkcukacha zomntu okanye zezik, ezilihlebo nezingafanelanga kufikelelw nguwonke-wonke.	75
i.	Ukonakaliswa kweempahla – Ukonakaliswa kwezinto zomntu, amatyala.	25
j.	Intlawulo, ityala, nekhontrakthi	21
k.	iVisa	0
l.	Ubudlelane obubodwa, ubuhlakani obungafanelekanga, ukuba ngukhethabakhe	77

6. Ukhuseleko, Impilo neNdalo Esingqongileyo: Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo malunga nokhuseleko, impilo nemiba enxulumene nezibonelelo.

- a. **Ukhuseleko** – Ukhuseleko ngokwasemzimbeni, ingozi, ubalekiso kwiimeko zengulo, ukufezekiswa kweemfuno zeyunivesiti nezesizwe ngokuphathelele kuqequesho ngokhuseleko nezixhobo zokhuseleko. 134
- b. **limeko kwiindawo zomsebenzi/zokuhlala** – Amaqondo obushushu, amavumba, ingxolo, indawo ekhoyo, izibane, njl. 87
- c. **Ufaneleko Iweendawo zokusebenzela** – Ukumiseka kakuhle nangokufanelekileyo kweendawo ekusetyenzelwa kuzo. 69
- d. **Ucoceko** – limeko nezibonelelo zokuzithuma ezijoliswe kuthintelo lwezifo. 66
- e. **Ukhuselo** – Izibane ezifanelekileyo kwiindawo zokumisa izithuthi, izixhobo zokubhaqa izinto zentsimbi/zenkcenkce, amadindala okhuselo, ukungafikeleki lula kwezakhiwo kwabangaphandle. 24
- f. **Ukusebenzela ekhaya, Amaxesha Anokuguqu-guqulwa** – Ukukwazi ukusebenzela ekhaya okanye kwenye indawo ngenxa yokunyanelwa ngumsebenzi okanye yimeko okuyo, umzkl. Kwimeko yongxamiseko edalwe ngumntu okanye yindalo. 1
- g. **Izixhobo zokhuseleko** – Ukufilela kwizixhobo zokhuseleko okanye ukuzisebenzisa, umzkl. Isixhobo sokucima umlilo. 69
- h. **Imigaqo-nkqubo yokusingqongileyo** – Ukungalandelwa kwemigaqo-nkqubo, ukungabi nabulali bayo, ukungasebenzi kakuhle, ukuxaka kwayo. 70
- i. **Indubeko ehamba nomsebenzi nongqamaniseko lomsebenzi nobomi** – Indubeko yasemva kwengozi, ukhawulelwano nezhlo ezingxamisekileyo, indubeko yangaphathathi/yangaphandle, umzkl uqhawulo-mtshato, ukudubula, ukonga ogulayo, umenzakalo. 238
- j. **Ukumisa izithuthi** 7
- k. **Ukusetyenziswa kweendawo ezingenalwakhiwo** 19

7. Imiba yeenkonzo/yolawulo –Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo malunga neenkonzo okanye iiofisi zolawulo, kubandakanya nevela kwabangaphandle.

- a. **Umgangatho wenkonzo** – Zinikwa kakuhle kangakanani na iinkonzo, ukuchaneka okanye ukunaba kweenkcukacha, ukwaziwa komsebenzi, njl. 251
- b. **Ukuphendula, Ukubanjwa kwexesha** – Ixesha elithathwayo phambi kokuphendulwa komnxeba okanye phambi kokubuyela kobefowunile okanye ixesha elithathwayo phambi kokunkikwa kwempendulo epheleleyo. 231

c.	ezingezizo ezimalunga nokuziphatha , iziggibo malunga namaxesha okuphelelwa kwemigaqo-nkqubo nemida yayo, iziggibo malunga nezicelo zeenkonzo zokufundisa okanye nolawulo, umzkl uphambuko kumaxesha okuphelelwa kwemigaqo-nkqubo nemida yayo, izicelo zokubuyiselwa imali, izibheno okanye amarekhodi, njl.	265
d.	lintlawulo nenkxaso-mali – Ulawulo lweentlawulo zokufunda, abatyalayo, inkqubo yenkxaso-mali nokufaneleka ekuyinikweni.	57
e.	Ukuziphatha kwabaniki beenkonzo – Indlela athethe ngayo umlawuli okanye umsebenzi nomnye umntu weyunivesiti, nomsebenzisi wenkonzo okanye nabafundi, okanye indlela abaphathe ngayo, umzkl. Ubukrwada, ukungabamameli okanye ukungabanyamezeli.	136
f.	Ubukho bezifundo, Ukugqiba isidanga ngexesha laso	116
g.	Ukwamkelwa, Ukwamkelwa kwakhona , Ubhaliso, uQwalaselololwazi lwangaphambili (RPL), iimviwo ze-NBT, namarekhodi – abenza izidanga zokuqala	31
h.	Ukwamkelwa, Ukwamkelwa kwakhona nobhaliso, namarekhodi – abenza izidanga ezilandela ezokuqala	21
i.	Ubonelelo Iwabafundi nabasebenzi nobomi kwiindawo zokuhlala zabafundi	26
j.	Ukuyekiswa kwizifundo/ukungavuselelwa – inkqubo nokuphuma kwisicwangciso semfundo	27
k.	Ikhefu lezifundo nokungabikho – i-LOA nekhefu elilodwa	17
l.	DP/DPR	4
8.	Ephathelele kwiZiko, kwiZicwangciso Eziliqili nakuMnqophiso: Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo ephathelele kwiziko lilonke okanye kwinxenyen yalo.	
a.	Ephathelele kwizicwangciso eziliqili nakumnqophiso, ulawulo olucikizekileyo – linqobo, iziqqibo nezinto ezenziwayo ezinxulumene nokuba iziko liya ngaphi na, lisiya njani na.	85
b.	Ubunkokeli nolawulo – Umgangatho/izakhono zabalawuli kunye(okanye nezigqibo zabalawuli/zeenkokeli, uqequesho oluphakanyiswayo, unikezelo lwemisebenzi ngokutsha nohlengahlengiso locwangciso.	138
c.	iGunya, Ukudlelwa indlala, Ukusetyenziswa kwamagunya ezikhundla nokusetyenziswa kakubi kwamagunya , – Ukungabikho kwegunya kwisikhundla okanye ukusetyenziswa kakubi kwalo ngulowo ukuso	121
d.	Uqhagamshelwano – Isiquelatho soqhagamshelwano lwezikolo nolweenkokeli, indlela olwensiwa ngayo, ixesha lokwensiwa kwalo, ifuthe lalo nobungakanani balo, umgangatho woqhagamshelwano malunga nemiba ebalulekileyo.	136

e.	Ukucwangcisa ngokutsha nokufuduswa – Imiba ephathelele kwimihlaba yocwangciso olucetywayo okanye olwenziwego kunye/okanyenofuduso oluchaphazela onke amacandelo okanye loo macandelo aphambili kwiziko, umzkl. ukuncitshiswa, ukusiwa kwelinye ilizwe, ukunikezelwa kwemisebenzi kwabangaphandle.	12
f.	Umoya weziko – Imiba ephathelele kwintsulungeko yendlela elisebenza ngayo iziko kunye/okanye nocikizeko lwayo.	108
g.	Ulawulo lwenguqu – Ukwensiwa kweenguqu kwiziko, indlela ezithathwa ngayo nokuziqhelanisa nazo, umgangatho wobunkokeli ekuququzeleleni iinguqu kwiziko.	130
h.	Ucwangciso lwezinto eziphambili ngokubaluleka kunte/okanye neNkxaso-mali – limbambano malunga nocwangciso lweendawo eziphambili ngokubaluleka kwiziko/kwisebe kunte/okanye nobonelelo lwemisebenzi ngenkxaso-mali, ukufundisa xa kuthelekiswa nokwenza uphando	74
i.	linkcukacha, iNdlela Yokusebenza, uToliko lweziphumo – limbambano zeenzululwazi malunga nokuqhutywa kophando, ngeziphumo zalo notoliko lwazo nangeenkukacha ezithi zivele ngokuchaphazela imigaqo-nkqubo.	7
j.	Imida yemisebenzi yamasebe yeziko, umhlaba – limbambano ezimalunga nokuba ngaba leliphi na isebe/iziko elifanele ukwenza okanye ukukhokela ukwenziwa kowuphi na umsebenzi.	76
k.	Inguqu	224
9.	iiNqobo, iNtsulungeko neMigangatho – Imibuzo, iinkxalabo, imiba okanye imibuzo malunga nobulali okanye iinqobo zeziko, intsulungeko okanye/kunye nemigangatho yalo, ukusetyenziswa kwemigaqo-nkqubo nemigangatho kunte/okanye neenkqubo ezihamba nayo, okanye nemfuneko yokuba kuqulunqwe okanye kuhlaziye imigaqo-nkqubo, kunte/okanye nemigangatho.	
a.	Imigangatho yokuziphatha – Ubulali, ukusebenza okanye ukusilela kwezikhokelo zokuziphatha, iinkqubo zolawulo kunte/okanye nemigaqo yokuziphatha, yokunyaniseka kwezemfundu, ukunyiba iimbalo, uMgaqo Wokuziphatha, unqazulwano lochaphazeleko, abatyalayo, njl.	40
b.	linqobo neNkcubeko – Imibuzo, iinkxalabo okanye imiba malunga neenqobo ezixabisekileyo okanye isiqhelo sokusebenza seziko.	34
c.	Ukuziphatha kwezenzululwazi, Intelekelelo – Ukungaziphathi kakuhle kwezenzululwazi okanye kwezophando okanye izenso ezigwenxa, umzkl. ububhali, ukunikwa kweziphumo ezigwenxa.	6
d.	Imigaqo-nkqubo neenkqubo ezingabandakanywanga kwiinkalo ngokubanzi ku-1 ukuya ku-8 – Ubulali okanye ukungabikhkomgaqo-nkqubo okanye ukungasetyenziswa komgaqo-nkqubo, ukungalandelwa komgaqo-nkqubo okanye imfuneko yohlaziyo lwww, umzkl. Indlela yokunxiba efanelekileyo, ukusetyenziswa kweintanethi okanye kwestifowuni.	55

ITHEYIBHILE 2: iiNkalwana IOA Uniform Subcategories

iiNkalo ze-IOA	AR2016 Inani le micimbi	% AR2016	% AR2017	AR2017 Inani le micimbi
1. Imbuyekezo namalungelo	22	3	5	94
2. Ubudlelane babanonxulumano	110	16	16	271
3. Ubudlelane boontangandini nobamakholwane	54	8	6	106
4. Ukuqhube nophuhliso lwemisebenzi efundelweyo	57	8	7	123
5. Ezomthetho, Ezemigaqo, Ezemali noThotyelo	104	15	16	272
6. Ukhuseleko, Impilo Nendalo Esingqongileyo	62	9	14	243
7. Imiba yeenkonzo nolawulo	170	24	16	282
8. Okuphathelele kwiZiko, kwiZicwangciso Eziliqili nakuMnqophiso	80	11	15	253
9. iINqobo, iNtsulungeko neMigangatho	47	7	4	71
	706			1715

ITHEYIBHILE 3: Uttelekiso lweeNkalo phakathi kweNgxelo ka- 2016 neka-2017

Uhlalutyo IweeNkcukacha

Amanani adityanisiwego abonakalisiwego kwinkalo nganye kwiTheyibhile 2 akahambelani namanani abonakalisiwego kwinkalo nganye kwiTheyibhile 3. Isizathu soko kukuba undwendwe lungeza nemiba engaphaya komba omnye njengoko kubonisiwe kwiinkalwana eziphantsi kwenkalo eziphantsi kwayo kwiTheyibhile 2, kodwa ubalwe kanye kuphela phaya kwinkalo eziphantsi kwayo kwiTheyibhile 3. Umzekelo, uBob unothehwano neOmbud oluphathelele kwimiba efana nokuthatha umhlaphantsi nephathelele kwimbuyekezo phantsi kwenkalo yokuqala (imbuyekezo, amalungelo, amawonga nemibulelo), kanti nakumgangatho wenkonzo, nokuphendula, kunye nokuziphatha komniki wenkonzo kwinkalo yesixhenxe eneenkalwana eziphantsi kwayo (imiba yeenkonzo nolawulo). Le nto ithetha ukuba ubalwe kabini kwiinkalwana eziphantsi kwenkalo (imbuyekezo, amalungelo, amawonga nemibulelo), nakathathu kwinkalo yesixhenxe eneenkalwana eziphantsi kwayo imiba yeenkonzo nolawulo) kwiTheyibhile 2. Ngoko ke uBob ubalwa kahlanu kwiTheyibhile 2. KwiTheyibhile 3 ubeya kubonakalisa engobalwe kanye phantsi kwenkalo yokuqala (imbuyekezo, amalungelo, amawonga nemibulelo), nakanye phantsi kwenkalo yesixhenxe (imiba yeenkonzo nolawulo). Ngoko ke uBob ubalwa kabini kwiTheyibhile 3.

Njengakwiminyaka engaphambili, inkalo yoBudlelane Babanonxulumano ibonakalisa okona kunyuka kwamanani kuphezulu – ama-255 kwinkalwana “yeMbeko neMpatho” xa kuthelekiswa ne-100 kwingxelo yangaphambili, kulandele inkalwana “yoQhagamshelwano” eye kufika kuma-259 kule ingxelo, xa kuthelekiswa ne-100 kwingxelo yangaphambili. Imiba yoqhagamshelwano kwinkalo “yoBudlelane Babanonxulumano” iye yahlala izezonza zinkhalabo zininzi ziye zakholisa ukueliswa, yada iminyaka yamithathu ilandelelana. Inkalwana “yeZiphambili ngokubaluleka, iiNqobo neeNkolelo” ikhankanywe kangama-256 (kali-100 ngo-2016), “iNtembeko noBulumko” kangama-259 (kangama-98 kulo nyaka uphelileyo), “Ulwahlukwano” kangama-244 (kangama-93 kwingxelo yangaphambili) ize “eyeGama” ikhankanywe kangama-219 kangama-84 kwingxelo yangaphambili).

Phantsi kwenkalo yemiba yeeNkonzo nolawulo, inkalwana “yoMgangatho weNkonzo” iye kufika kuma-251 kule ingxelo, xa kuthelekiswa ne-104 kwingxelo yangaphambili. Nakwinkalwana yemeko yesebe amanani aphezulu kakhulu; aye kufika kuma-205, xa kuthelekiswa nama-62 kwingxelo yangaphambili, ngakumbi xa kukhunjulwa ukuba oku kubhekisele kubantu abathetha ngamasebe abasebenza kuwo. Awona manani aphezulu kunawo onke ngawakwinkalwana “yeZiggibo zoLawulo notoliko, ukusetyenziswa kwemigaqo” angama-265 kule ingxelo, xa kuthelekiswa nama- 98 kwingxelo yangaphambili. La manani akukwazeki ncam ukuwathelekisa, njengoko amanani eendwendwe eziza nemiba ngemiba ayifani kuzo zozibini izithuba ezenzelwa ingxelo. Xa kusenziwa uthelekiso ukujonga iinkalo zemiba ye-IOA ezilithoba kungacaca ngokuchaneke kakhulu xa kusetyenziswa ipesenti, umzekelo, jonga kwiTheyibhile 3 ngentla apha.

Nakubeni ukhona, uqhuba, umgaqo-nkqubo malunga novuyelelo, kubalulekile ukuba ivele indawo yokuba, kwesi sithuba senzelwa le ngxelo ndixelew amaxesha amaninzi ngosilelo kuqhagamshelwano, ngovuyelelo nangokungxolisa – umfundu ngumhlohlhi, ikhawlane lelinye ikhawlane, umfundu ngumsebenzi waseziofisini, nabasebenzi baseziofisini abebengaphethananga ngenkathalelwano. Umsantsa phakathi kwabahlohlhi nabancedisi baseziofisini zabo usoloko usematheni njengengxaki ekhoyo apha kumasango eyunivesiti. Amaxesha amaninzi, ngakumbi kwimisebenzi enikezelwa abalapha ngaphakathi, ayinakungasiwa so into yokuba, phezu koxanduva lokufundisa abafundi, nolokwenziwa kophando olunzulu, kukho abasebenzi abanika inkaso kulo msebenzi wokufundisa nokwenziwa kophando, kulawulo lwezakhwi, kumsebenzi wokucoca, owokulawulwa kohlahlo-mali, ukufaka amanqaku (eemviwo), njl. Ngokwenani, aba basebenzi bangaphaya kwabahlohlhi, kodwa basoloko bephatheke njengabangabalulekanga, nekunokuba lula ukuvizala izithuba zabo.

lindwendwe ezininzi kakhulu ziye zabonakalisa ukuba umntu ebezinonxulumano naye lokunka ingxelo okanye lolawulo, kodwa ziphantsi kwakhe, uye wabonakalisa ukungabi namdla, nambeko nankathalo, enempatho engaxolisiyo ngakubo.

Amanani ovuyelelo, kwinkalo yobudlelane babanonxulumano, nakweyobudlelane boontangandini nobamakholwane aye anyuka kakhulu, kwaye akwi-104 kule yokuqala, aba kwi-101 kule yesibini. Uvuyelelo luchazwa njengaso nasiphi na isimo sobundlongondongo nongcikivo. Kwiimbalo ezikhoyo ngovuyelelo, iimpawu ezithile ezifana nophinda-phindo nonkanizo zichazwa njengezimbo ekunokuthiwa zezesimo "sovuyelelo". UNamie noNamie² baluchaza "njengezengenzeng lempatho-mbi ephazamisa impilo yomntu eyenziwa ngomnye umsebenzi okanye ngabanye abasebenzi, ngeentetho zongcikivo, ngezimo ezoyikisayo, nezojongo-phantsi". Kule minyakana imbalwa idlulileyo ndaye ndenza isiphakamiso sokuba makuqlunqwe umgaqo-nkqubo omalunga novuyelelo. Kwingxelo ka-2016 ndaye ndabhalo ndathi:

"Inani lezikhalazo ngovuyelelo ziye zaphinda-phindeka kabini kwesi sithuba senzelwa le ngxelo. Ngokusilela ekuyibekeni esweni into yabasebenzi abavuyeleta abanye, iyunesiti ilahlekewla ngabasebenzi ebekuya kuba lulutho ukubagcina, nangokungababoneleli abasebenzi ngokhuselo abafanele ukuba bakwazi ukululindela"

Impendulo ye-UCT yathi:

"Siye senza isiqulunqo somgaqo-nkqubo wovuyelelo ekusathethwanayo ngawo yiMibutho yaBasebenzi"

2 Namie, G. & Namie, R. (2009) *The Bully at Work: What You Can Do to Stop the Hurt and Reclaim Your Dignity on the Job*. Naperville, IL: Sourcebooks.

Ndingafunanga kuwunokoza kakhulu lo mba, ndiyacinga ukuba kufanelekile kona ukuba ndiyivelise indawo yokuba, ukuwalibazisa amanyathelo okukhawulelana nemeko ekhokelela kukhobozeko nakwimiba emandla yempilo yabasebenzi bayo, kubonakalisa uqhitalo ngawkicala leyunesiti.

Intu entsha kwezi nkalo yinkalwana yenguqu phantsi kwenkalo "Yokuphathelele kwiZiko, kwiZicwangciso nakuMnqophiso". Le nkalwana ingena kakuhle kumalinge ngamalinge eyunesiti okuzisa inguqu, afana neKhomishoni yenguqu ye-UCT, eyi-*UCT Institutional and Transformation Commission (IRTC)*, nesicwangciso esiliqili esikhoyo kungoku nje, iqela elisebenzayo eliyi*Curriculum Change Workgroup* nolunye uthotho lwamalinge okuzisa inguqu kwiyunesiti le ngokubanzi.

Ukuphumela nangaphandle nokunye Okwenziwe yiOmbud

- Ekuyeni kuphela kuka-2016 ndiye ndaququzelela iimbizo ezintathu kwiCollege of Music, ngenjongo yokulamla phakathi kwabasebenzi nabafundi ngexesa loqhankqalazo malunga neentlawulo nokugutulyula kweempawu zobukolonali kwiziqulatho zezifundo (kwikharthyulam).
- NgoSeptemba 2016 ndaye ndaya kwenza intetho-nkcazelو kwinkomfa ye*Family Mediators' Association of the Cape* conference (FAMAC); bangama-85 ababekhona kuyo.
- NgoNovemba 2016 ndaye ndathatha inxaxheba kwi-Ombuds Indaba eUNISA ePitoli. Le Indaba yayichotshelwe yiUNISA Ombudsman njengenxenyе yothungelwano lwee-ombud oluyi*Ombudsing Network*.
- Kwesi sithuba senzelwa le ngxelo ndaye ndaya kwenza iintetho-nkcazelو malunga nohlobo nenxaxheba yomsebenzi weOfisi yeOmbud kumaqela ngamaqela abantu bale yunesiti, kubandakanya neendawo ezithe qelele, ezifana naseMavundleni (eCrossroads) nakwa-SATVI (eVostile).
- Kwesi sithuba senzelwa le ngxelo ndaye ndanika iUniversity of the Free State (UFS) iingcebiso noncediso malunga nokusekwa kweOfisi yeOmbud.

- NgoJuni 2017 ndaye ndathatha inxaxheba kwinkomfa iGlobal Pound Conference eyayiseRhawutini, njengelunguKomiti yoMmandla eQuquzeelayo (*Local Organising Committee*), nanjengomnye `wabavuli-ngxoxo (panellists).
- Kwesi sithuba senzelwa le ngxelo iofisi Yam yaye yasungula ubizo lweeqela leenkomfa zomnxeba ezikumila kufana nokweentlanganiso zeOmbudsing Network. Olu thungelwano luyiOmbudsing Network lilinge elasungulwa yile ofisi yethu, kwaye lubandakanya iiOmbud zezinye iiyunesiti zaseMzantsi Afrika nezamaziko karhulumente.
- Ndiyaqhuba ngenxaxheba Yam njengoSihlalo we-IOA IC (International Committee) kuMmandla weAfrika (IOC IC Africa Regional Chairperson), inxaxheba leyo ekukuba ngumbeki-liso kwizinto ze-IOA (*International Ombudsman Association*) ezenziwa kwilizwekazi leAfrika.

Okuqwalaselweyo neZindululo

- Iyunesiti le iye yanyathela umhlaba obonakalayo noko ngakwicala lokukhawulelana nengulo ngokwengqondo apha kumasango ayo, kodwa ke kambe kufuneka inge iyaqiniswa imizamo yokuqequesha abo banoxanduva oluthe ngqo lokunika abafundi nabasebenzi inkxaso bakwazi oko kukhoyo nendlela yokufikelela kuncedo; ngokunjalo nakwiindibano zocwego ezingothintelo longcungcuthekiso ngokwesini nokudlwengulwa, noko bafanele ukukwenza xa kuthe kwavela imfunko.
- Amanani-nkukacha akule ngxelo abonakalisa ukuba amazinga enkathalelo nenkxaso kumasango eyunesiti (ngakumbi kuqhagamshelwano lwabanobudlelane bonxulumano nobolawulo) ayakufuna noko ukuphuculwa. Ndipaphele ukuba ubundlongondlongo bukhola ukufihlwa. Into ethethwayo ngabantu, nendlela abatetha ngayo, yiyo enokuvuselela iimeko zempilo zangaphambili, into ke leyo esenokungacaci kwangelo xesha, njengoko ingulo ngengqondo ithanda ukungabonakali. Ubulali luxanduva lomntu wonke. Kananjalo, amaxesha amaninzi uqhagamshelwano lweyunesiti nabafundi abakhoyo nabasezayo kwakunye nabasebenzi lungaphuculwa noko ngokuthi lwenziwe ngolwazelelelo. Ndiphakamisa ukuba amagama aseyenziswa kuzo zonke iimbalelwano akhe avndlakanywe, nokuba abasebenzi mabakhuthazwe ukuba babe nentelekelelo nolwazelelelo kuqhagamshelwano lwabo, nokuba umxholo lowo uyancumisa na okanye uyahlungisa na.
- Nakubeni iyunesiti inobuntsompothi, futhi ineenkqubo ezininzi, isikakhulu ezi zinto zifunyaniswa kusokolisa ukumelana nazo, futhi zisoyikisa ngamanye amaxesha. Kungaba

Iuncedo ukuyichaza ngokucacileyo imfuneko yokusetyenziswa kwezi nkqubo ngeenkqubo, khona ukuze ziqondwe kakuhle ngabasebenzi nangabafundi.

- Iyunivesiti ifanele ukuba ithulelwé umnqwazi ngokungena kubuhlakani neSixeko seKapa (City of Cape Town) ekufumaneni iinkonzo zakhuselo kumasango eyunivesiti nakwizabhabha ezisingqongileyo. Ngoko kunjalo ke kambe, kufuneka kugxininiswe ngakumbi kukhuseleko nokhuselo apha ngaphakathi kumasango eyunivesiti, kwaye abafundi nabasebenzi abafikayo kufuneka bacetyliswe ngokwaneleyo, ngelixa abafundi nabasebenzi ekukudala bekhana kufuneka behkunjuziwe ukuba mabathi qwa. Ngelishwa uyanda umngcipheko wokungakhuseleki kumasango eyunivesiti.
- Mininzi iminyaka kukho izikhala zo ngocalu-calulo oluthukuzayo, kumacandelo ezifundo afana ne-HSF nelezifundo ngentlalo yoluntu (Humanities) kwizifundo apho umfundi aba yedwa nomvi nalowo afunda phantsi kwakhe. Futhi nokucinga ngezinye iindlela ezizezinye zokukhusela la macala omabini, ngakumbi abafundi, kwezi ndawo, kungaba lulutho kakhulu.
- Ndiyaziva iinkxalabo zokuba iyunivesiti ayigxinini kumalinge okulungisa iingqondo emva kweziganeko ezifana noqhankqalazo, ngokungathi ilindele ukuba abantu bazibonele, baphile, baxolele, futhi babheke phambili ngaphandle koncedo. Ngaphandle kokuhlalisa umntu phantsi anikwe iingcebiso, kubasebenzi nabafundi, kuyafuneka ukuba i-UCT iyiqwalasele le miba nakumaqela adityanisiwego. Ndinqwenela ukuyithulela umnqwazi iyunivesiti ngokuthi imisele iKhomishoni eyi-Institutional Reconciliation and Transformation Commission (IRTC) eya kuthi incede kulo mba.
- Ndiphakamisa ukuba iyunivesiti iqulunqe umgaqo-nkqubo kwiOfisi yeOmbud ocacisa inkonzo, iimfuneko zokuba le Ofisi yenze umsebenzi wayo (ingcaciso, njl.), nesigwebo esiya kulandela ukuba bayangcungcuhekiswa abasebenzisa iinkonzo zale Ofisi.
- Akuyonto inokuba nomfaneleko ukulindela ukuba wonke umntu onengxakana ajongene nayo uya kuthi afune uncedo kwiOfisi yeOmbud okanye naphi na. lingxaki zokuza ngaphambili ngelokuza kufuna uncedo zinkulu kunohlobo ezikholise ukuthathwa ngalo. Ndikhuthaza wonke umntu onika omnye inkonzo ukuba akwenze oko ngenzondelelo, ngembeko nangolwazelelelo nangokuselubala. Kuthiwa ziinkowane zodwa ezikhula ebumnyameni, hayi abantu.
- Ndisazifumana iindwendwe ezithi, ngoku sekukudala zinexesha zise-UCT, zingabi nalwazi ngale ofisi yam, de kube lelo thuba zizifumana zisengxakini, okanye zithe zeva ngabahlobo xa zifuna uncedo. Ndiphakamisa ukuba iiwebhusayithi zaMacandelo eZifundo, zibandakanye nomsontwana onxibeelanisa nale Ofisi yeOmbud ngelokwenza izinto lula.
- Iyunivesiti kufuneka ithi rhoqo ngoqequesho nangoqequesho ngokutsha kumsebenzi weeKomiti zeNguqu (Transformation Committees on the EE Representative), kowooSihlalo beeKomiti zoKhetho Lwabasebenzi (Selection Committee Chairs) namalunga nenqubo yochongo lwabanokuqeshwa, nolwabantu abachophela iinkqubo zoluleko malunga noxanduva lwabo.

- Kufuneka kwenziwe uphando olulolunye malunga neemfuno zabasebenzi abasandula ukunikezelwa umsebenzi apha ngaphakathi, njengabasebenzi base-UCT. Ezi mfuno zizinto eziqalela kufikelelo kwizinto eziphambili ezifana neimeyili, uqequesho loqhelaniso lokuba bayiqonde inkubo yeyunesiti, kwakunyenofikelelo kueqesho lwekhompuutha kwakunye nakwiikhompuutha zokuzisebenzia kwiindawo abakuzo, nakuyo yonke inkxaso efunyanwayo ngabanye abasebenzi be-UCT. Kananjalo, iyunesiti iyakhuthazwa ukuba izame ukuziphucula iindlela zayo zokwamkela (abasebenzi abatsha), futhi bonke abasebenzi abafikayo ibenze bazine beyinxene yabasebenzi bonke, ngakumbi abasebenzi abasandula ukunikezelwa umsebenzi apha ngaphakathi.

Elokuqukumbela

Ndibamba ngazibini kwiindwendwe zam ezininzi nakumalungu amaninzi ale yunesiti athe, kwesi sithuba senzelwa le ngxelo afaka igxalaba ngeendlela ngeendlela ezahlukeneyo, ngeenjongo zakwenza inguqu apha bekuyimfunecko. Iofisi Yam ivuna lukhulu kakhulu kwinkxaso yawo. Ndithi maz' enethole kuBirgit Taylor, umncedisi wam kumsebenzi weofisi, ngocikizeko lwasimo sakhe nangenkxaso andinikileyo mna neendwendwe zam, engakhange akusingele phantsi ukuzimela kwenqubo yobuombud nobuhlebo bayo.

iSihlomelelo A

Ugunyaziso

IOFISI YEOMBUD YEYUNIVESITI YASEKAPA

1. Intshayelelo noXanduva

IOfisi yeOmbud yeYunivesiti yaseKapa yaye yasekwa ngo-2011 ngenjongo yokubonakalisa ukuzinikela kwayo ekupathweni kwabo bonke abantu beyunivesiti le ngobulungisa, ngobulali nangokulinganayo.

Uxanduva lwayo kukubonelela bonke abantu beyunivesiti le (bonke abasebenzi; abafundi abasekhoyo nabo sebemkayo; abatyeleli beyunivesiti nabaneekhontrakthi nayo) ngenkonzo yosombulo lweembambano ngendlela ekhululekileyo nje, engabophelelekanga kwimiqathango yemithetho ewisiwego okanye kwimigaqo-nkqubo emiselwego, inkonzo leyo esekelwe phezu kweenqobo zobulali. IOfisi yeOmbud ingaphandle kwizigqeba zeyunivesiti zemfundu nolawulo. Isisigqeba esingenacala, esizimeleyo, esisebenza ngokuhululekileyo nje nesingayidiziyo imicimbi yabatyeleli, esiquuzelela usombululo olunobulali kwiinkxalabo neengxaki ezithe zaveliswa nguye nawuphi na umntu walapha eyunivesiti.

2. liNjongo neMida yeeNkonzo

Eyona nxaxheba iphambili yale Ofisi kukuba ifumanekе njengesigqeba esingenacala sokuvandlakanya zonke iziggibo nezinto ezenziwego phakathi kwemida yamagunya eyunivesiti le.

IOmbud ijolisa ekuboneleleni ngemeko apho kungakhethwa cala, engayidiziyo imicimbi ezisiwego, nezimeleyo, aphi kunokuthi kuziswe khona izikhala, iinkxalabo ngezinto ekuthiwa zensiwe okanye azenziwa kunye nazo naziphi na iingxaki abathe badibana nazo abantu beyunivesiti le.

IOfisi yeOmbud yenza imisebenzi ngemisebenzi eyahlukeneyo. Le misebenzi ke ibandakanya ukumamela abantu nokubonelela ngendawo ekhuselekileyo abanokuya kuphalaza kuyo iingxaki zabo ngokuhululekileyo, ibancede ekucaciseni iinkxalabo abanazo ibacebise nangeendlela abanokuhetha kuzo ekukhawulelaneni nezo nkxalabo, ibacacisele nemigaqa-nkqubo yeyunivesiti neenkqubo zayo, ibazise nangezinye iofisi abanokuya kuzo, ibancedise abatyeleli nasekufundeni iindlela zokuzinceda, iqwalasele imiba ngokuthi iqokelele iinkcukacha igaye nezimvo zabanye abantu isebezinzise nothethwano namacala lawo anembambano.

Kananjalo, iOfisi yeOmbud ikwasebenza njengovimba wokudimbaza iinkcukacha ibonelele iyunivesiti le nangobungcali bokusombulula iimbambano. Ikwanguye nomthundezi wokuziswa kwenguqu apha eyunivesiti.

IOfisi yeOmbud incedisa nakwimisebenzi yophando neyezibheno esesikweni eqhubekayo apha eYunivesiti kungoku nje, nangona ingayithatheli kuyo le misebenzi. Ukusetyenziswa kwale ofisi kungokuzithandela. Ofisi yeOmbud inika ingxelo ngeendlela zokuhamba kwezinto ngokubanzi nje, ize ke yenze nezindululo malunga nokutshintshwa kweenkqubo xa kukho imfuneko yoko ngaphandle kokudiza iinkcukacha ezingafanelanga kudizwa.

3. Ukwensiwa kweNgxelo

IOmbud yenza ingxelo kwiKhansile yeYunivesiti ngosihlalo weKhansile. Ingxelo ebhaliwego ingeniswa qho ngonyaka kwiKhansile ngoSihlalo ngaloo mhla kuthe kwavunyelwana ngawo yiKhansile. IOfisi yeOmbud iseberga ngokuzimeleyo ngokuphathelele kuqwalaseloi lomcimbi nakulawulo lwemiba, kodwa ke ngokuphathelele kwinkalo yolawulo nakuhlahlomali ingxelo iyenza kwiNqununu yeYunivesiti. Ekuvezekiseni imisebenzi yayo iOfisi yeOmbud iya kuba nohlahlo-mali elwabelwego, indawo yokusebenzela eyaneleyo nekusebenzekayo kuyo kwakunye nezilungiselelo ezikwaneleyo ukuba ikwazi ukukhawulelana neemfuno zayo zokusebenza isebezenzele uphuhliso lobungcali. IOmbud iya kuthi gqolo ukunika iNqununu yeYunivesiti namanye amalungu eqela leenkokeli ingxelo, ngelixa ibulondolozayo ubuhlebo, ngeenjongo zokuwazisa ngeentlobo zemiba nangeendlela zokuhamba kwezinto, ezithi zifikelele ezindlebeni zeOmbud, ze ke icacise nokuba ezo nkukacha zinafuthe lini na ibe ke seyivakalisa neziphakamiso zayo ngazo.

4. IMigangatho neNtsulungeko yaseMsebenzini

IOfisi yeOmbud iya kuthi inamathele kwiMigaqo yeNtsulungeko yaseMsebenzini neMigangatho yokuSebenza (Code of Ethics and Standards of Practice) yoMbutho oyilInternational Ombudsman Association (IOA). Lo mqaqo ubeka ukuba iOmbud iya kusebenza ngokungaxhomekekanga kwiziko layo, ayisayi kuyidiza imiba kwaye ayisayi kukhetha cala, futhi nemihlaba yayo yokusebenza kweenkonzo zayo iya kuyigcina kwimeko yokukhuleka okungalawulwa yimigaqo-nkqubo esesikweni ekusonjululweni kweembambano. IMigangatho, uMigaqo neeNdlela zokuSebenza eziCikizekileyo ze-IOA ziyanabubeka ubuncinane bemigangatho, kwaye iOfisi yeOmbud iya kuthi ngalo lonke ixesha isoloko izamela ukuba isebenze "ngezona ndlela zokusebenza zicikizekileyo" nokuziqwalasela ngenzondelelo iimfuno zabo bonke abachaphazelekayo. IOmbud iya kuthi imisele iinkqubo ezingajika-jikiyo iinkqubo ezo eziya kuthi zifumanekxa umntu ethe wazicela. IOmbud iya kuthi iyibhengeze indlela ehamba ngayo inkonzo yayo engadiziyo, ezimeleyo nengakhethi cala ngokusebenzisa izinto zobhengezo, iwebhusayithi nemibhalo exhonywe emadongeni, ize kananjalo inike umtyeleli ngamnye ikopi yeMigangatho.

A. **Ukuzimela**

Ukuzimela kuyimfuneko ekusebenzeni ngempumelelo kweOfisi yeOmbud. IOfisi yeOmbud iya kukhululeka, kwaye iya kubonwa njengekhululekileyo kungenelelo oluphazamisayo ekwenzeni kwayo imisebenzi yayo. Oku kuzimela kufezekiswa kakhu lu ngendlela emiswe ngayo inkqubo yokwensiwa kwengxelo, ngokungabi nacala, nangokwamkelwa liziko nangokuhlonitshwa kwenxaxheba yayo ezimeleyo. Ngenjongo yokuqinisekisa ukuqwalaselwa kwezinto ngobunjalo bazo, iOfisi yeOmbud iya kusebenza ngokungaxhomekekanga kwiziphathamandla zolawulo. Oku ke kubandakanya nokungadizwa kweenkcukacha zemiba eye yaxoxwa kwiOfisi yeOmbud naye nabani kwiziko eli, kubandakanya nalowo mntu yenziwa kuye ingxelo yiOfisi yeOmbud.

B. **Ubu hlebo**

IOfisi yeOmbud iba noqhagamshelwano nabo bafuna uncedo olungazi kudizwa, kwaye ke ithatha onke amanyathelo enokuwathatha okugcina obu buhlebo. IOmbud ayibadizi, kwaye akufuneki nokuba icelwe ukuba idize amagama abo bantu bathe baqhagamshelana nayo. Uqhagamshelwano phakathi kweOmbud nabanye (uqhagamshelwano olo oluthe lwenzekha ngexesha isenza umsebenzi wesi sikhundla) luthathwa ngokuba ngumba ongafanelanga kudizwa. Ngumba ofanele ukuba phakathi kweOmbud neOfisi yakhe, ingenguye nawuphi na omnye ochaphazelekayo kuwo. Abanye abantu abakwazi ukuba bangakhe benze unyenviso kulo mmisel. Apho kunokwensiwa uphambuko kule mbophelelo yobuhlebo kukwimeko apho iOmbud ibona ukuba kungabakho umngcipheko wengozi kubomi bomntu. IOmbud ayinakho ukuba ingacelwa ukuba inike ubungqina kwisigqeba esichophela amatyala seYunivesiti kuwo nawuphi na umba ethe yaba nolwazi ngawo ngenxa yomsebenzi wayo. IYunivesiti iya kuzamela ukuba iyikhusel iOmbud ekubeni ikhutshelwe isamani yokunika ubungqina ngabanye abantu, apha ngaphakathi naphaya ngaphandle kweyunivesiti.

C. **Ukungakhethi cala**

IOfisi yeOmbud ayisayi kuthatha cala kulo naluphi na ungquzulwano, imbambano okanye umba, koko iya kuthi iOfisi yeOmbud iyiqwalasele imicimbi neenkhalabo zabo bonke abo bachaphazelekayo ngomoya wokungakhethi cala ngenjongo yokuquuzelela uqhagamshelwano neyokunceda loo maqela ekubeni afikelele kwizivumelwano ezanelisa macala nezinobulali nolingano nezihambelanayo nemigaqo-nkqubo yeYunivesiti.

D. **Ukungabopheleleki kwimigaqo-nkqubo**

IOmbud isebezena ngokungabophelelekanga kwimigaqo-nkqubo nemithetho neenkqubo ezimiselweyo nangendlela engafakwayo kumarekhodi, kwaye iya kuba sisisele ekuxhanyulwa kuso iinkonzo zosombululo lweembambano olungabophelelekanga kwimigaqo-nkqubo, kwimithetho nakwiinkqubo ezimiselweyo. IOfisi yeOmbud ayisayi kuphanda, ayisayi kulamla, ayisayi kugweba, okanye ayisayi kuthi, ngayo nayiphi na indlela, ithathe inxaxheba kuyo nayiphi na inkqubo esesikweni okanye inyathetho elithathwayo apha ngaphakathi okanye phaya ngaphandle. Nanini apho kunokwenzeka iOfisi yeOmbud ya kuthi izamele ukufumana indlela

yokusombulula ingxaki phaya kwelona nqanaba lisezantsi apha kwiziko eli. IOfisi yeOmbud ayiyigcineli amarekhodi imicimbi ethe yayiqwalasela iYunivesiti le. Ukusetyenziswa kweOfisi yeOmbud kuya kusoloko kungokuzithandela, kungesosinyanzelo kuyo nayiphi na imbambano okanye umgaqo-nkqubo weYunivesiti le.

5. IMihlaba engangeniyo kuyo, iGunya noNyino IweOfisi yeOmbud

A. Iguna leOfisi yeOmbud

1. Ukuqalisa uPhando Olungenabucededu baMigaqo

IOmbud iya kuba negunya lokwenza uphando ngendlela ekhululekileyo kubucededu bemigaqo nemithetho ngawo nawuphi na umba ochaphazela abantu beYunivesiti le. Ngoko ke iOmbud isenokuthi isungule uphando olungabophelekanga kubucededu bemigaqo-nkqubo ngayo nayiphi na imiba eziswa kuyo.

2. Ufikeleleko lweenkcukacha

IOmbud isenokuthi icele ukuba ikwazi ukufikelela kwiinkcukacha ezichaphazela iinkxalabo zatabyeleli ezikwiifayili nakwiifofisi zeYunivesiti, kwaye iya kubuthathela inqalelo ubuhlebo bezo nkukacha. Izicelo zeOmbud zokufikelela kwiinkcukacha kufuneka ziwalaselwe ngokukhawuleza kangangoko ngamasebe eyunivesiti.

3. Ukurhoxiswa kwenxaxheba kwimicimbi

IOfisi yeOmbud isenokuthi yale ukwenza uphando ngawo nawuphi na umba okanye isenokuthi irhoxe kumba othile xa iOmbud inenkolo yokuba ayifanelekanga ukuba ithathe inxaxheba kuwo, ngaso nasiphi na isizathu.

4. Uphefumlelwano nabatyeleli

IOfisi yeOmbud inegunya lokuphefumlelana nomtyeleli malunga neendlela anokukhetha kuzo, ezibandakanya nazo zombini iinkqubo: engenabucededu bamigaqo-nkqubo naleyo ihamba ngokusesikweni lemithetho nemigaqo-nkqubo. Kambe ke, IOfisi yeOmbud ayisayi kuba nalo iguna elipheleleyo lokuwisa isigwebo okanye lokunyanzelisa okanye lokutshintsha umgaqo-nkqubo, umthetho okanye inkqubo.

5. Ufikelelo kwiiNgcali zoMthetho

IOfisi yeOmbud isenokuthi ngamanye amaxesha ifune ingcebiso yomthetho okanye yobunye ubungcali, khona ukuze ikwazi ukuyifezekisa imisebenzi yayo. IOfisi yeOmbud isenokuthi inikwe ingcebiso yomthetho yegqwetha elizimeleyo nelingadibanganha neYunivesiti le xa ithe yayicela, iimpepho, okanye ubungqina obuphathelele kuwo nawuphi na umcimbi othathelwe amanyathelo omthetho okanye nayiphi na inkqubo esesikweni, okanye kwimeko apho kuvela ungquzulwano lweenjongo phakathi kweOfisi yeOmbud neziphathamandla zeYunivesiti.

B. Unyino kuMagunya eOfisi yeOmbud

1. UkuFumana iSaziso seYunivesiti

Uqhagamshelwano neOfisi yeOmbud alusayi kuba sisaziso esiya kwiYunivesiti. IOfisi yeOmbud iyayibhengeza into yokuba ayinayo inxaxheba yokwamkela izaziso zeYunivesiti. Ukuba umntu osebenzisa iOfisi yeOmbud ufuna ukunika iYunivesiti isaziso malunga nemeko ethile, okanye uneenkukacha anqwenela ukuba zinikwe iYunivesiti, iOmbud iya kuthi imenzele ingcaciso loo mntu, khona ukuze ke loo mntu akwenze oko ngokwakhe. Kwiimeko ezinqabe kakhlui iOfisi yeOmbud, kunokwenzeka ukuba inyanzeleke ukuba iyazise iYunivesiti. Oku ke kuya kwenzeka kuhpela xa ngaba ayikho enye indlela efanelekileyo ekunokwensiwa ngayo.

2. Izivumelwano neMibutho yaBasebenzi (Collective Bargaining Agreements)

IOfisi yeOmbud ayisayi kuqwalasela nayiphi na imicimbi esukela kwisivumelwano nemibutho yabasebenzi ("CBA"), ngaphandle kokuba oko kuyavunyelwa linqaku elikhoyo elibhaliwego kwi-CBA leyo. Le nto ke ithetha ukuthi, nakubeni iOfisi yeOmbud inokuwanika inkonzo amalungu ombutho wabasebenzi, ezo nkonzu azinakho ukuba zingabandakanya nemiba esele inyathelwe kwi-CBA. IOfisi yeOmbud ingasebenza namalungu ombutho wabasebenzi malunga nayo yonke eminye imiba engabandakanywanga kwiikhontrakthi, imiba efana noqhagamshelwano nabanye abasebenzi.

3. Inkubo Ezisesikweni noPhando

IOfisi yeOmbud ayinakuqhube nalo naluphi na uphando olusesikweni. Abasebenzi beOfisi yeOmbud abasayi kuthatha nxaxheba kwiinkubo zoqwalaseloo lweembambano okanye kwizikhalaizo okanye amatyala eziigqebe ngaphandle egameni leOfisi yeOmbud okanye leYunivesiti. IOfisi yeOmbud ibonelela ngenye indlela yosombululo lweembambano.

4. Ukgcinwa kwaMarekhodi

IOfisi yeOmbud ayigcini marekhodi. Amanqakwana aye abhalwa ngethuba bekuqwalaselwa umcimbi, ukuba akhona, aye atshatyalaliswe ngamaxeshu athile emva kokuba usongiwe umcimbi lowo. Zonke izinto eziqulathe iinkukacha eziphathelole kumcimbi othile kufuneka zigcinwe ngokhuseleko kwindawo enokhuseleko, zize ke zitshatyalaliswe usakuba usongiwe umcimbi lowo. I Ombud isenokuthi izigcine iinkukacha zamanani-nckukacha ezingelohlebo ezinokuthi ziyingcede ekwenzeni ingxelo ngendlela yokuhamba kwezinto nasekuniken indlela.

5. Ubuthetheeli neeNgxaki zaseMoyeni

IOfisi yeOmbud ayisayi kuba ngumthetheeli walo naliphi na icala kwimbambano, futhi ayisayi kumela iziphathamandla okanye abatyeleli beofisi yayo. Kananjalo iOfisi yeOmbud ayiboneleli ngoncedo lwezomthetho okanye lweengxaki zasemoyeni.

6. Izigwebo zeMicimbi (Adjudication of Issues)
IOfisi yeOmbud ayisayi kuba nelungelo lokuba ngumgwebi okanye lokunyanzelisa ngeendlela zokulungisa, lokunyanzelisa imigaqo-nkqubo okanye lokwenza utshintsho lwemigaqo-nkqubo okanye lwemithetho.

7. Ungquzulwano lweenjongo

IOmbud iya kukucezela ukubandakanyeka kwimeko aphi kukho ungquzulwano lweenjongo. Ungquzulwano lweenjongo luye lwenzeke xa uchaphazeleko, olukhoyo okanye olucingelwayo, lweOmbud lungenanto yakwenza nomsebenzi wayo, lunokuba ngaphezulu okanye lunokukhuphisana nokuzinikezela kwayo ekungakhethini cala okanye nemeko yokuzimela kweOmbud. Kwimeko yongquzulwano lweenjongo, olukhoyo okanye olucingelwayo, iOmbud kufuneka ithathe onke amanyathelo ayimfuneko okuludiza okanye okulucezela.

C. Ukuziphindezela kwiOmbud okanye kuBasebenzisi beeNkonzo


1. Onke amalungu amaqela anikwa inkonzo yiOfisi yeOmbud aya kuba nelungelo lokuba eze kuthethana neOfisi yeOmbud engenaloyiko lwempindezelo.
2. IOfisi yeOmbud kufuneka ikhuselwe kwimpindezelo (efana nokuvalwa kweOfisi okanye ukukhutshwa kweOmbud, okanye ukucuthwa kohlahlo-mali lweOmbud okanye kwezinye izilungiselelo) nguye nawuphi na umntu ekunokuthi kanti kukhalazwa ngaye okanye kwenziwa uphando ngaye.

limbalo Ezisetyenzisiweyo:

1. IOA Standards of Practice

2. IOA Code of Ethics

3. IOA Best Practices: A Supplement to IOA's Standards of Practice



OFFICE OF THE OMBUD
3–4 Lovers Walk
Lower Campus
University of Cape Town
Rondebosch
7701

Tel +27 (21) 650 3665 / 4805
Email: ombud@uct.ac.za
Website: www.ombud.uct.ac.za

The office of the OMBUD is
Independent, Impartial, Confidential
and works outside of formal structures